iTshati 9: Iindlela ezisebenzayo zokwakha ulwimi ekhaya

Abantwana abancinci abalufundi ulwimi ngokufumana iimfundiso ezithe ngqo kodwa balufunda ngelixa bedlala benxibelelana nangezidingo zabo. Ezi zezinye iindlela onokuphuhlisa ngazo ze utyebise ulwimi lwabantwana.

Xa nisenza izinto kunye, chazani izinto enizenzayo.

Chaza izinto ezenziwa ngumntwana wakho.

Yandisa izivakalisi.

Balisani amabali kunye.

Buza imibuzo eneempendulo ezifunisa ukuba basebenzise amagama amabini ukuya ngaphezulu ukuphendula.

Ncedisa abantwana ukuba bacwangcise yaye balandelelanise imisebenzi.

Mamela ngocoselelo xa umntwana wakho ebuza imibuzo.

Ncedisa abantwana ukuba bachaze into abayibonayo, abavakalelwa yiyo, abayingcamlayo, abayivayo nabayinukisayo.

Nceda abantwana ukuba bawazi amagama ezinto ezahlukeneyo kwaye bafunde amagama amatsha. Bakhuthaze ukuba basebenzise amagama amatsha abawafundileyo.

HSP-Flipchart-Xhosa K.indd 9 2017/01/09 2:52 PM